Isifundo 4

**Okthobha 17–23*

Amehlo KaYehova: Imbono Yehlabathi NgokweBhayibhile

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Imiz. 15:3; Yobhi 12:7–10; Efese 6:12; IsiTy. 20:5, 6; Yohane 1:1–14; Marko 12:29–31.

Indima Yenkumbulo:
"Asezindaweni zonke amehlo kaYehova ebonisela abanobubi nabalungileyo" (Imizekeliso 15:3).

IImbongi yasePoland, uCzeslaw Milosz, wabhala umbongo awawuqala ngokubhala ngezilwanyana azibona engqondweni: imivundla ethethayo, oonomatse abathethayo, njalo njalo. "Zinokufanayo nezinye izilwanyana eziphilayo," watsho, "njengeembono zethu zehlabathi ngelizwe eliyinene." Uthi ke, xa egqibezela umbongo wakhe: "Cinga ngale nto, ungcangcazele." "Ukungcangcazela" kusenokuba ligama elilukhuni kakhulu, kodwa kuyinyaniso ngokwenene ukuba okuninzi okucingwa ngabantu kusenokuba akulunganga ngokupheleleyo. Umzekelo, phantse kwangama-2000 eminyaka abona bantu bachubekileyo nabafundileyo basemhlabeni bacinga ukuba umhlaba uhleli ungahambi embindini weyunivesi. Namhlanje, abaninzi kwabona bachubekileyo nabafundileyo abantu bacinga ukuba abantu bavela kwisiqalo esibubomi bento encinane engathi ayinamsebenzi – [isiqalo seivolushini]. Njengabantu, asiye silijonge ilizwe simi kwindawo ephakathi nje. Siyalibona, kuphela kwaye lonke ixesha, ngentluzo enegalelo kwindlela esithi silichaze siliqonde ngayo ihlabathi elisingqongileyo. Loo ntluzo ibizwa ngokuthi yimbono yehlabathi, kwaye ibaluleke kangangokuba, silufundisa ulutsha lwethu, kanti namalungu amadala ebandla, imbono yehlabathi ngokweBhayibhile.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 24.*

Amehlo KaYehova

Uprofesa weyunivesithi yaseOxford uye wacikoza ngelithi thina, ihlabathi, nayo yonke into esingqongileyo-akukho nanye into ephathekayo eyinyaniso. Endaweni yoko, siyimifanekiso [oopopayi] eyenziwe ngobuchule luhlanga oluphuma kwelinye ilizwe oluneekhompyutha ezinamandla kakhulu. Nangona obo ibubuciko obunika umdla, buzisa umbuzo obalulekileyo: into ephathekayo eyinyaniso inendalo enjani? Zimbini iimpendulo ezibanzi kakhulu ezinokubakho, nokuba enye yona iyingcinga nje. Eyokuqala yethi, iyunivesi-nako konke okukuyo, kuquka thina-ikho. Akukho nto yayidalayo, akukhonto yayenzayo. Ikho nje. Yinyaniso nje eze leyo. Akukho thixo, abakho oothixo, akukhonto inguthixo. Okuphathekayo kuyinto ebambekayo ekunokwenziwa into ngayo, kuyinto eyimvelo ngokucacileyo. Watsho njalo omnye kwiminyaka engama-2,500 eyadlulayo (asiyiyo ingcamango entshla le), into ekhoyo yi"atom nendawo engenanto [eze]." Enye imbono yeyokuba othile onguthixo (okanye oothixo) wayidala iyunivesi. Leyo ke, ibonakala ivakala, inengqondo kakhulu, ivakala kakhulu, kunembono yokuba iyunivesi ikho nje, kungabikho nkcazo ngayo. Le indawo ithabatha lonke ilizwe lemvelo, ilizwe le"atom nendawo engenanto," kodwa ayiphelelanga apho. Yalatha kokuphathekayo okubanda kakhulu, okunzulu kakhulu, nobunamacala amaninzi kunembono exhasa ukungakholwa okuxhaphaza izinto esiva ngako rhoqo oko kuxhaphaza namhlanje.

Zithini ezindima zilandelayo ngeembono ekuthethwe ngazo kwisifundo sanamhlanje? Nd. 53:1, Imiz. 15:3, Yohane 3:16, Isa. 45:21, Luka 1:26–35.

Embindini wayo yonke imfundo yobuKristu kukho ubunyaniso, kungebubo obukaThixo kuphela, kodwa nobohlobo uThixo alulo, uThixo ongumntu osithandayo nothetha asebenze nathi. UnguThixo wemimangaliso othi, nangona esebenzisa imithetho yendalo, angabanjwa yiloo mithetho nokwazi ukunyukela ngaphaya kwaloo mithetho xa ethanda (ngohlobo awenza ngalo ekuzalweni kukaYesu yintwazana ingazange ihlangane nendoda). Imfundiso yale mbono ilunge kakhulu kule mihla kuba kuninzi kakhulu okwenkcubeko ehlabathini, okubanga (kubhuda phofu) ukuba isayensi iyayixhasa [le nkcubeko], ize ithi, ngokuphandle ingathandabuzi, ifundise imbono yehlabathi engakholelwayo kubukho bukaThixo kunye nethi indalo yavela yabakho ngokwayo [ngaphandle koMdali].

Cinga ngokunganabi nangokuba nemida kwembono yehlabathi yokungakholelwa kubukho bukaThixo xa ithelekiswa nembono yehlabathi ngokweBhayibhile, ethi, (njengoko kutshiwo ngasentla) ihlanganise lonke ilizwe elidaliweyo kodwa ingabanjwa yimithetho yalo. Kutheni le nto, ekugqibeleni, imbono yehlabathi ngokweBhayibhile, imbono yehlabathi yobukho bukaThixo, iyeyona evakalayo nesengqondweni kunaleyo iphikisana nayo yokungakholelwa kubukho bukaThixo?

Umbuzo KaLeibniz

Kwiminyaka emininzi eyadlulayo, ingcali yengqondi nengumbhali waseJamani, uGottfried Wilhelm Leibniz wabuza umbuzo, mhlawumbi, ongowona usisiseko nobaluleke kakhulu onokubuzwa: “Kutheni le nto kukho into endaweni yokuba kungabikho nto?”

Ezi ndima zilandelayo ziwuphendula njani umbuzo kaLeibniz? Gen. 1:1; Yohane 1:1–4; Eks. 20:8–11; IsiTyhilelo 14:6, 7; Yobhi 12:7–10.

Inika umdla kakhulu into yokuba eBhayibhileni ubukho bukaThixo butatyathwa njengento esele isaziwa. UGenesis 1:1 akaqali ngemfumba yeengxoxo ezivakalayo (nangona zininzi ezikhoyo) ngobukho bukaThixo. Ithetha ngokungathi uyaziwa ukuba ukho (khanagela nakuEks. 3:13, 14), kwaye ukusukela apho kuloo ndawo, uThixo enguMdali, iBhayibhile, nayo yonke inyaniso etyhilwe kumaphepha ayo, iyamveza. Imfundiso ngendalo nayo isisiseko kuyo nayiphi imfundo yobuKristu. Yonke into esiyikholelwayo singamaKristu, yonke into, izinze kwimfundiso yokudalwe ngeentsuku ezintandathu. IBhayibhile ayizange iqale ngentetho engocamagushelo, okanye uvuko, okanye engokuBuya kwesiBini. Hayi, yaqala ngentetho engoThixo onguMdali kuba akukho neyodwa kwezi mfundiso eyenza ingqondo ngaphandle kwenyaniso yobukho bukaThixo njengoMdali wethu. Kungoko ke, kwakhona, imbono yehlabathi ngokokubona kweBhayibhile kufuneka icinezele ukubaluleka kwemfundiso ngokudala. Olu cinezelo, nalo, luyabaluleka kakhulu kuba, le mfundiso ijongene nokuhlaselwa okukhulu egameni lesayensi. Ievolushini—iibhiliyoni zeminyaka ubomi butshintsha kancinane busiwa buvuka, ngoqashi-qashi—iye yakutshabalalisa ukukholelwa eBhayibhileni kwizigidi ngezigidi zabantu. Kunzima ukuba nombono wemfundiso echasene kangako neBhayibhile nenkolo yobuKristu jikelele ukudlula ievolushini. Yiyo le nto ingcamango yokuba ievolushini inako ukwenziwa ukuba ihambelane nemfundiso yeBhayibhile engendalo iyingozi kakhulu kune-evolushini engakholelwayo kubukho bukaThixo. Ukuba ingenziwa ingaba sisigculelo kwiBhayibhile nakwinkolo yobuKristu iphelele.

UThixo uthi kufuneka sichithe inxenye yesixhenxe yobomi bethu, iiveki zonke, ukukhumbula ukudala ngeentsuku ezintandathu, nto leyo angadingi mfundiso yimbi ngayo. Inokusixelela ntoni le nto ngokuba sisiseko nokubaluleka kwale mfundiso kwimbono yehlabathi yobuKristu?

Imbono Yehlabathi NgokweBhayibhile

Njengoko kutshiwo kwintshayelelo, akukho noyedwa kuthi olibona ihlabathi ekwindawo ephakathi, angemanga kuyo. Umzekelo, ongakholelwayo kuThixo, ujonga angaboni nto yimbi ngaphandle kwento nje ezenzekela "ngokwendalo." Ayinanto iyithethayo ngaphandle nje kwaleyo abantu abathanda ukuyinika yona. Kwelinye icala, omnye uwujonga ngokwembono yehlabathi yeBhayibhile abone, kungekuphela nje kodwa into ezenzekelayo "ngokwendalo," amanzi nokukhanya kuhlangana, kodwa njengesiqinisekiso sesithembiso sikaThixo sokuba akayikuphinda awutshabalalise umhlaba ngamanzi (Gen. 9:13–16). "Ukuhla okungako kukaThixo, nokuba nemfesane kwaKhe kwizidalwa ezonayo ngokubeka umnyama omhle emafini ukuba ube ngumqondiso womnqophiso nabantu! . . . Yayiyinjongo kaThixo ukuba bathi abantwana bezizukulwana ezilandelayo bakubuza intsingiselo yale atshi intle inqumla emazulwini, abazali babo baliphinde ibali likaNogumbe, babaxelele ukuba Osenyangweni wawugoba umnyama wawubeka emafini njengesiqinisekiso sokuba amanzi awasayi kuwugubungela umhlaba kwakhona."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti, i*ph. 106. KumaSeventh-day Adventists, iBhayibhile ihlala ikho iyincwadi yesiseko senkolo yethu. Ifundisa imbono yehlabathi, "intluzo," esithi ngayo silibone siliqonde ihlabathi, liyindawo etyhafisayo nenzima kakhulu. IsiBhalo sisizobele umfuziselo wokusinceda ukuba sibuqonde ngcono ubunyaniso bemeko esizifumana sikuyo, esiyinxalenye yayo, nesikholisa ukuphazamiseka siyotyiswe yiyo.

Zeziphi iinyaniso ezifunyanwa kwezi ndima zilandelayo ezinokusinceda sibuqonde ngcono ubunyaniso esihlala phakathi kwabo? Efese 6:12; Marko 13:7; Roma 5:8; Roma 8:28; Intsh. 9:5; IsiTy. 20:5, 6.

SingamaSeventh-day Adventists, kufuneka sibambelele siqine kwiimfundiso zeBhayibhile, kuba le yinyaniso kaThixo etyhiliweyo eluntwini, esichazela izinto ezininzi ngehlabathi ebesingasokuze sizazi okanye siziqonde. Kungoko ke, yonke imfundo yobuKristu kufuneka imile izinze eLizwini likaThixo, kwaye yonke enye imfundiso echasene nayo kufuneka yaliwe.

Zeziphi ezinye iimfundiso zeBhayibhile ezichasa ezinye iinkolo ezibanjwe ngabantu? Umele ukusifundisa ntoni lo mahluko ngendlela ekubaluleke ngayo kuthi ukuba sibambelele ngokuthembeka eLizwini likaThixo?

Nqula UMhlanguli

Nangona ibaluleke kangako imfundiso yendalo elukholweni lwethu, le mfundiso ayimanga yodwa, ngakumbi kwiTestamente eNtsha. Ikholisa ukuza iqhogene, ngendlela engenakwahlulwa, nemfundiso yokuhlangulwa. Loo nto yenziwa kukuba, ngokuphandle, kwihlabathi eliwileyo lesono nokufa, ukudalwa kodwa akwanelanga. Siyaphila, siyalwa, sibulaleka (njengoko sinjalo sonke), kuze kwenzeke ntoni kamva? Siyafa, emva koko siphele singahlukanga kwizidumbu zezilwanyana ezishiywe ziqungquluze ecaleni lendlela. Injani ukubaluleka loo nto? Kungoko, sinayo, ebaluleke kakhulu kwimbono yethu yehlabathi, nemfundiso yokuhlangulwa—nto leyo ethetha ukuba sinoYesu Kristu naYe ebethelelwe emnqamlezweni wabuya wavuka osembindini wako konke esikukholelwayo.

Funda: Yohane 1:1–14. Zisixelela ntoni ezi ndima ngokuba wayengubani uYesu nokuba yintoni awasenzela yona?

Khangela isigidimi sengelosi yokuqala: "Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba, nakwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu; sisithi ngezwi elikhulu, 'Moyikeni uThixo nimzukise; ngokuba lifikile ixa lokugweba kwakhe; nimnqule lowo wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nemithombo yamanzi' " (IsiTy. 14:6, 7). Qaphela ukuba "iindaba ezilungileyo ezingunaphakade" zihlanganiswe nqo kuThixo njengoMdali. Xa siqonda ukuba uThixo owasidalayo ikwanguThixo owathi, ekwimo yenyama yomntu, wanyamezela ukohlwaywa ngenxa yesono sethu ngomzimba waKhe—akumangalisi ukuba sibizwe ukuba simnqule. Yeyiphi enye indlela ebesingaba nayo ukusabela xa siqonda ukuba unjani ngokwenene uThixo wethu? Ngenxa yesi sizathu, uKristu naYe ebethelelwe emnqamlezweni kufuneka ahlale ekho ngaphambili nasembindini wako konke esikufundisayo—mfundiso leyo, phofu, ekufuneka iquke nokuBuya kwesiBini, kuba ukuza kokuqala kukaKristu akusenzeli okulungileyo ngokupheleleyo ngaphandle kokwesibini, akunjalo? Omnye angaxoxa athi, ethetha ngokwesiBhalo, ukuza kukaKristu kokuqala nokwesibini ngamacandelo amabini esiganeko esinye—icebo losindiso.

Gxila ngakumbi kwingcamango ebekwe kuYohane 1, yokuba Lowo wenza konke "okuthe kwabakho" (Yohane 1:3) nguLowo wafela thina emnqamlezweni. Kutheni ke ngoko ukunqula kufuneka kube yeyona mpendulo yongamileyo ezenzekelayo?

Umthetho KaThixo

Kwiminyaka eyadlulayo, eFransi, isizwe sasixoxa ngomba wokohlwaywa ngokubulawa: ingaba kufuneka upheliswe? Abo babesithi makupheliswe bafuna uluvo lombhali odumileyo nenkcuba-buchopho yaseFransi uMichel Foucault bamcela ukuba abhale inqaku eliphambili kwiphephandaba ukubaxhasa. Into awayenzayo, phofu, yaba kukuxhasa, hayi ukupheliswa kuphela kwesohlwayo ngokubulala, kodwa ukuphelisa lonke uhlelo lokuvalelwa entolongweni kodwa ukukhululwa kwawo onke amabanjwa. Ngokuba kutheni? Kuba, kuMichel Foucault, lonke uhlelo lwendlela yokuziphatha kwakusisimiso nje sabantu, iingcamango zabantu ezimisiweyo ngabo basegunyeni ukuze balawule izihlwele. Kungoko, le mithetho yokuziphatha ingenaso isiseko esiqinisekileyo esisemthethweni. Nokuba igabadele kakhulu kangakanani imeko yakhe, esikubonayo apha kukulandelelana okufanelekileyo kwengxaki engekho ntsha ngokwenene. UMoses wayejongene nayo kuIsrayeli wakudala kwiinkulungwane zeminyaka ezadlulayo. " 'Ize ningenzi ngokwezinto zonke esizenzayo apha namhla—elowo esenza okuthe tye emehlweni akhe' " (Dut. 12:8; khangela nakuAbagwebi 17:6, Imiz. 12:15). Senkunjalo, ukuba asikwenzi okulungileyo apha nje emehlweni ethu—oko kukuthi, thina ngokwethu asingawo amalungisa, asingcwele, akukho noluvo olusiqhubayo ukuba sazi ukuba yintoni elungileyo ekuziphatheni—singathini ke ngoko ukwazi ukuba simele ukwenza ntoni? Impendulo, okanye indlela, yethi, iNkosi eyasidalayo yasinika ngoko nomthetho wokuziphatha emasiphile ngawo. Mhlawumbi amehlo ethu awaboni kakuhle, kodwa uYehova Yena uhlala ebona.

Zisifundisa ntoni ezi ndima ngedlela yokuziphatha ekumeni ngonaphakade komthetho? Dut. 6:5, Marko 12:29–31, IsiTy. 14:12.

Ukuba siza kwenza ukuba ukuhlangulwa kube ngumbindi wembono yethu yehlabathi ngokwamaKristu, ngoko (njengoko besibonile kwiveki ephelileyo) umthetho kaThixo, imiThetho eliShumi, kufuneka ibe sembindini, nayo. Ngapha koko, sihlangulwe entweni xa ingesiso isono, esikukwaphulwa komthetho (Roma 3:20)? Iindaba ezilungileyo, ngokwenene, azenzi ngqondo ngaphandle komthetho kaThixo, ekuphela kwesizathu esenza ukuba sazi ukuba umthetho usasibophelela, nangona ungakwazi ukusisindisa. (Yiyo le nto sidinga iindaba ezilungileyo.) Ngoko ke, yonke imfundo yamaSeventh-day Adventist kufuneka icinezele oko uEllen White akubize ngokuthi "kukuma ngonaphakade komthetho" (Imbambano Enkulu, iph. 63), oquka iSabatha. Ukuba imfundo inokusinceda sibuyisele umfanekiselo kaThixo kuthi, kangangoko kunokwenzeka kobu bomi, kumele ngoko, nakwelona nqanaba lisezantsi, umthetho kaThixo uphakanyiswe, njengoko uKristu wenzayo, njengomthetho wokuziphatha osibonisa ukuba yintoni kanye eyona nto ilungileyo emehlweni kaThixo.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Eyona njongo iyiyo yemfundo kukubuyisela umfanekiso kaThixo emphefumlweni."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti,* iph. 595. Sinale ngcamango engqondweni, sinako ukubona ukuba kutheni iqinile imbono yehlabathi yobuKristu kwimfundo yama-Adventists. Ngapha koko, njengoko siye saphawula ngaphambili, imfundo yona ngokwayo asiyiyo into elungileyo. Abantu bangafunda, imfundo ephezulu kunjalo, kwiingcamango neengqondo ezichaseneyo nemithetho-siseko efunyanwa eBhayibhileni. Yiyo le nto, singamaSeventh-day Adventists, uhlelo lwemfundo yethu kufuneka lusekwe phezu kwembono yehlabathi yobuKristu. Ngoko ke, oku kuthetha ukuba, konke okufundwayo, isayensi, ezembali, ezokuziphatha, inkcubeko, njalo, njalo, kuya kufundiswa kuvelwa kwelo cala, ngokungafaniyo nelo lithi lichase okanye lisuke lilityeshele. Kwakhona, njengoko bekutshiwo ngaphambili nokufanele ukuphindwa: ayikho into ekukujonga ukwimo engathabathi cala; bonke ubomi, konke okukhoyo, kujongwa ngeentluzo zembono yehlabathi zomntu, nokuba loo mbono ifanelekile icingisiswe ngocwangco nokuba akunjalo. Kungoko, kufuneka ukuba imbono yehlabathi ngokweBhayibhile kufuneka ibe sisiseko sayo yonke imfundo yamaSeventh-day Adventist.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Yeyiphi imizekelo ongacinga ngayo kwimbali yazo zonke iintlelo zemfundo ezazifudula (okanye ezinjalo) zisenza umonakalo omkhulu? Zeziphi ezinye zezo ndawo, babefundiswa ntoni abafundi kuzo, iyintoni esinokuthi thina siyifunde kuzo? Singazikhusela njani ezethu iintlelo zemfundo kwezi mpembelelo zonakalisayo?

2. Isifundo sale veki siye saqwalasela kwiindawo ezisisitshixo sembono yehlabathi yobuKristu: ubukho bukaThixo, ukudala, iBhayibhile, icebo lokuhlangula, nomthetho kaThixo. Zeziphi ezinye iziseko ezibalulekileyo ezinokuhlanganiswa ukuze kuphelele ukwenziwa kwembono yehlabathi bobuKristu?

3. Ingqondi yenkulungwane yeshumi elinesibhozo yabhala yathi: "Owu sazela! Sazela! Wena ndalo ingcwele, wena mkhokeli uqinisekileyo womsulwa novalelweyo, wena unobuchopho nokhululekileyo—wena mgwebi ungoniyo wokulungileyo nokubi, omenza umntu afane noThixo." Yintoni elungileyo, okanye engalunganga, naloo ndawo?

4. Khangela le ntetho kaEllen G. White kwakhona: "Injongo eyinene yemfundo kukubuyisela umfanekiselo kaThixo emphefumlweni." Kuthetha ntoni oko? Kubonisa njani oku ukuba kungani imfundo yama-Adventist kufuneka yahluke kakhulu kokuninzi okuyindlela elithi ihlabathi liyibone ngayo imfundo?